NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2016

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II
# ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II

## MARKING GUIDELINES

Ixesha: 2½ Iiyure | Amanqaku: 100

---

**These marking guidelines are prepared for use by examiners and sub-examiners, all of whom are required to attend a standardisation meeting to ensure that the guidelines are consistently interpreted and applied in the marking of candidates' scripts.**

**The IEB will not enter into any discussions or correspondence about any marking guidelines. It is acknowledged that there may be different views about some matters of emphasis or detail in the guidelines. It is also recognised that, without the benefit of attendance at a standardisation meeting, there may be different interpretations of the application of the marking guidelines.**

---

IEB Copyright © 2016

## ICANDELO A

### UMBUZO 1 IBALANA: *UBOMI ABUYOMARIKE*

1.1 1.1.1 Kuthethwa ngoMhlekazi/ngoFezile Hanti. (1)

1.1.2 Kukusuka athumele isithunywa kumzi ekuswelekwe kuwo ukuba masiqhube igusha siyibophelele esibayeni saloo mzi. Aze yena angayi kuvela kude kungcwatywe. (2)

1.1.3 Babebalelwa kumashumi amabini. (1)

1.1.4 (a) Bubuxoki, yayibothusa le nto bade bathi bazakwenza lo nto nakuye/ babengawuvuyeli kuba wayengabonakali ebantwini/kubahlali. (2)

(b) Bubuxoki, wayesisityebi, enobuhlanti obunemfuyo eninzi. (2)

(c) Bubuxoki, wayengakwazi ukubuyeka/wayebuthanda. (2)

(d) Yinyani. (1)

1.1.5 Ubomi abukho lula/akukho nto ifumaneka lula ebomini. (uluvo lomfundi) (1)

1.2
- Wayephangela ekhitshini emayini.
- Wayengathandwa ngamanye amadoda kuba wayewaphakela kancinci.
- Watshintshelwa e-ofisini.
- Yenabantwana abaninzi.
- Wayesaziwa ngokubangudlalani/ukuthanda amankazana.
- Wayebikwa ngokuthandana nabantu bebala.

(Umfundi uyakukhetha nokuba zeziphi kwezi) (3)

**[15]**

### UMBUZO 2 IBALANA: *NDONQANDWA YINTONI*

**Abalinganiswa:**

2.1 2.1.1 UNomthendeleko (1)
2.1.2 USir Ngwev (1)
2.1.3 ULitha Mpayipeli (1)
2.1.4 NguTiki (1)
2.1.5 YiSizamile Sekondari (1)
2.1.6 USojola (1)

2.2 2.2.1 Wayenxibe isuti entle. (1)

2.2.2
- Ukuba yinesi/yiAkhitekt/Ngumlungu.
- Ipolisakazi.
- Ukusebenza kwaMasipala athuthe imigqomo. (Zibe mbini) (2)

2.2.3 Uthi ngabantu abamhlophe bodwa abanokuba zii-akhitekt./ Uthi mabayeke ukuba nemibono engazikubasa ndawo./Mabangathabatheki ngamagama amakhulu abangawaziyo. (Zibe mbini kuphela) (2)

IEB Copyright © 2016

2.2.4
- USir Ngwev wabanomsindo.
- Wathi uLitha uyamdelela.
- Wabetha uLitha ngeempama namanqindi wamkhongozelisa/wambetha ngoswazi ezandleni. (2)

2.2.5
- Sukuvumela abanye abantu bakutsalele ezantsi, qiniseka ngento oyifunayo.
- Nokuba imeko ithini hlala unamaphupha, kuba aza kufezeka.

(Uluvo lomfundi olusemxholweni luvumelekile.) (2)

**[15]**

## UMBUZO 3 IBALANA: *UKULAHLA IMBO NGOPHOYIYANA*

Umfundi makachaphazele ezi mpendulo zilandelayo. Akunyanzelekanga ukuba aziveze zonke.

3.1 **Umhla wodliwano ndlebe**
- Ukudibana kukaKholiwe noMtetomzi kudliwano ndlebe kumzi wamagqwetha.
- Ukugoduswa kukaKholiwe nguMtetomzi.
- Ukuthabatheka yimoto kaMtetomzi (Crossfire) entle.

**Ukudibana kwakhe noMtetomzi eSodom**
- UMtetomzi nomhlobo wakhe uVista.
- Incoko kaMtetomzi noKholiwe eSodom nokothuka kukaKholiwe.
- UMtetomzi uthengela uKholiwe nabahlobo bakhe utywala.
- Ukufika kukaKhuzwayo.
- Incoko kaMtetomzi nabahlobo bakaKholiwe.

**Ubomi bakhe noKhuzwayo**
- UKholiwe uthandana noKhuzwayo ondlongondlongo/osoloko embetha.
- UKhuzwayo yindlavini enezinxenxe ebusweni.

**Ukuthandana kwakhe noMtetomzi**
- UKholiwe ucengwe ngabahlobo ukuba athandane noMtetomzi.
- UMtetomzi uthi uza kohlukana/divosa nomfazi wakhe.
- UKholiwe unethemba lokutshatwa nguMtetomzi, bachitha ixesha kunye balala kuloKholiwe.

**Ukubanjwa kuka Khuzwayo**
- UKhuzwayo uthatha uKholiwe ngenkani eSodom aye kulala naye kokwabo.
- UKholiwe uvuka kusasa aye emapoliseni abambe uKhuzwayo ngokumxhwila, ukumdlwengula nokumbetha.

**Imini erestyu**
- UKholiwe ucele ukuba badibane erestyu noMtetomzi kuba unqabile ngoku.
- UKholiwe umema uMtetomzi ukuba aye kubona umama wakhe.
- UMtetomzi uyamkhumbuza ukuba utshatile makazifunele indoda ayeke ukuba *obsessed* nguye.
- UKholiwe uyazisola ukuba ebemlahlela ntoni uKhuzwayo.

**[10]**

IEB Copyright © 2016

3.2 **Isiganeko esenzeka eklasini uLitha efundiswa nguSir Ngwev**

- ULitha usayikhumbula into awayenziwa nguSir Ngwev eklasini.
- USir Ngwev wayebuza abafundi ukuba baza kwenza ntoni kunyaka ozayo.
- ULitha wayengomnye wabo bafundi, wathi uzakufundela ubu-akhitektsha eUCT.
- USir Ngwev wahlekisa ngaye, emkhumbuza ngokusokola kwekhaya lakhe, esithi ngabelungu abafundela ubu-akhitekt.
- USir Ngwev wabetha uLitha ngempama namanqindi esithi uyamdelela.

**USir Ngwev ucinga ntoni ngemfundiso zakhe**

- Uyazisola.
- Imfundiso zakhe zibalahlekisile abanye abantwana.
- Uphila kwixesha lakudala engamboni umntu omnyama ephumelela.
- Ubulela uLitha ngokungazimameli imfundiso zakhe.

**Wena ufuna ukuthini kuye ukuze uyeke ukumcaphukela**

- Indlela ebemcaphukela ngayo uSir Ngwev.
- Ukuzimisela kukaLitha ezifundweni.
- Ingcebiso zikaLitha nguSir Ngwev.
  (Uluvo lomfundi lubalulekile, kodwa malubesemxholweni)

**[10]**

## UMBUZO 4 IBALANA: *AMADODA AYADELELA*

4.1 **Ukudibana nokwazana kukaMveleli noNomha**

- uNomha wayethanda ukuya kwigaraji yakwaNceduluntu, efuna ukubona umfana amthandayo.
- Ubesiya kathathu ngemini, ethe le nge R30.00, R40.00 agqibezele ngenye iR30.00.
- Ngenye imini wayegalelelwa nguMveleli ipetroli, wambuza igama lakhe emxelela ukuba ufuna ibe nguye yedwa ophatha imoto yakhe uza kumbhatala.
- Imothusile le nto uMveleli kodwa wavuma, esithi akukho mfuneko yokuba abhatalwe ngomsebenzi wakhe.

**Ukuthandana kwabo, nendima ayidlale ebomini bukaMveleli**

- uNomha ubuza uMveleli ukuba uyakwazi ukusebenzisa ikhompyutha.
- uMveleli uxelela uNohma ukuba waphela kwibanga lesine/ku-*four*.
- UNomha ubuza isizathu, aze uMveleli ambalisele ngobomi bakhe.
- Benza idinga lokudibana ngoLwesibini, baye kwaSpur nakumboniso bhanya-bhanya.
- Baphela bethandana, aze uMveleli ayeke ukuphangela egaraji.
- uMveleli ufunda kwisikolo sasebusuku, uqhuba iX5 kaNomha, bonwabile emtshatweni wabo.
- Bafumanisa ukuba abakwazi ukuba nabantwana waze ugqirha wayikhomba kuNomha ingxaki.
- UMveleli ucebise ukuba bathathe umntwana abanokumkhulisa abe ngowabo, uNomha akafuna.

**Eholideyini eCofimvaba kuloMveleli**

- uNomha ufune ukwazi abantu bakuloMveleli, efuna nokuhota ukuze abe ngumfazi ogqibeleleyo.
- Baya kuloMveleli eCofimvaba.
- Bafika belangazelelwa kuba behamba ngemoto entle, uNomha azange ahotiswe, kwakusithiwa iqhiya angayinyusa, naxa kuyokuthezwa ebesenzelwa inyandana engangeyentombazanana.
- Utyiswa amasi, aze athiywe igama lokuba nguNoluthando.
- Ngenye imini kwafika umhlobo kaMveleli uMalizole ehamba nentombazana eyeyithandana noMveleli phambi kokuba aye eKapa.
- UMveleli uhamba noMalizole aze abuye ezinzulwini zobusuku.

**Uthando luka Mveleli noNozipho**

- UNozipho yintombi eyayithandana noMveleli phambi kokuba aye eKapa.
- Uye kuMalizole ukuze amse kuloMveleli.
- UMveleli uthi uNozipho uthandana noMalizole xa emazisa kuNohma.
- uMveleli uyabakhupha, aze uNozipho athi uMveleli uze kumqhayisela ngemisi.
- uMveleli ubuyela endlwini axelele uNomha (Noluthando) ukuba ucelwe nguMalizole ukuba amse kwenye ilali.
- Uhamba noNozipho baye entangeni kuloNozipho bavalelane apho aphele ebuya ezinzulwini zobusuku uMveleli.
- Babuyela eKapa uNomha noMveleli.
- uMveleli usoloko esiya eCofimvaba kuNozipho.

IEB Copyright © 2016

**Iziphumo zomtshato kaMveleli noNomha**
- uNomha unikwa irisiti ngusisi oncedisa kwakhe.
- Ufumanisa ukuba uMveleli uthumela iR2000.00 kuNozipho Jewu.
- Ucela umhlobo wakhe uHilda ophangela ebhankini amprintele iinkcukacha ze-akhawunti kaNozipho zonyaka wonke.
- uHilda uza ne*print out* bayijonge noNomha, bafumanise ukuba zinyanga zisibhozo uMveleli ethumela iR2000.00 ngenyanga kuNozipho, babenengcinga zokuba inokuba unomntwana noNozipho.
- uNomha wazenzela uphando, wafownela uNozipho ezenza umzala kaMveleli, ebuza ngomntwana.
- uNozipho waphendula esithi uMveleli soloko esiya kubona umntwana wakhe uSiviwe, kuba umfazi wakhe uleliya idlolo lingenakukhawulwa nangumoya oyingcwele.
- uNomha wabuza ukuba uMveleli uyamondla na umntwana, wamxelela uNozipho ukuba uMveleli uthumela iR2000.00 qho ngenyanga.
- uNozipho wathi uMveleli uyeza kwiveki ezayo ngoLwesine.
- uMveleli waxelela uNomha ukuba kufuneka agoduke ngoLwesithathu weveki elandelayo, wavuma uNomha.
- Wamenzela umphako wamlungiselela.
- Ngemini yokuhamba uMveleli wathatha ixesha ebhafini, wade wagqiba waxelela uNomha ukuba uyahamba.
- uNomha wamxelela ukuba aze ancede axelele umama kaSiviwe ukuba akazenzanga ukuba angafumani bantwana.
- Wothuka uMveleli wathi akazi kuba sahamba.

**NB:** Umfundi kufuneka ashwankathele konke oku kungentla ngamagama ali-180–200.

**[20]**

**OKANYE**

4.2 **Ukubuyela kwakhe ezilalini**
- Ukufika kwakhe ezilalini akaziyekanga izimbo zakhe zokuthanda amankazana.
- Kwade kwakho nesaci esithi "akakazalwa umfazi onokulandula isicelo sikaMhlekazi."

**Imfuyo yakhe**
- Uyawagqitha amanye amadoda ngemfuyo uMhlekazi nentsimi yakhe ichuma.
- Uyahletywa elalini bathi uthwele, inyoka yakhe ihlala kula mgquba usebuhlanti bakhe.
- Umgquba wakhe uchume ngendlela engaqhelekanga, umnyama kwaye uphakamile kuba wambathisa inyoka yakhe ngawo.

**Izinto awayezenza elalini**
- uMhlekazi waqala into entsha yokuthi xa kuswelekiwe elalini athumele isithunywa ukuba sise igusha kulo mzi, ze siyibophelele esibayeni salo mzi, sixelele abantu balo mzi ukuba uyavelana nabo.
- Ebengayi uMhlekazi kulo mzi kude kungcwatywe.
- Azange ibaphathe kakuhle abantu belali lento.

**Umhla awayelele ecaleni kobuhlanti**

- Ngenye imini uMhlekazi wayebuya elalini wangqengqa ngasesibayeni, wabona umbono ombi.
- Usapho lwakhe, lwalumkhalela lusithi ufile.
- Umfazi wakhe wayexelela abantu ukuba ubuye elalini wayakulala ecaleni kobuhlanti, uthe yena xa emkhwaza akaphendula wacinga ukuba uvela kwisici sakwaNdatyana.
- Umbone sele ekhothwa lithole xa esondela akaphefumli.
- Ubize abamelwane nabo bangqina ukuba akasekho utata kaNcedo.
- UMhlekazi umangalisiwe ngulo mbono awubonayo, uyazama ukubanqanda kodwa abamva nabamelwane bakhona futhi kukho noMzozoyana angavaniyo naye.
- Uve isikhalo, kwakho ilizwi elithi zizikhalo zakwasathana ezo, uhamba kwindlela eya kwasathana.
- Ubone sele ekwigumbi elinamaxhego amaninzi aqumbileyo, amxelela ukuba kufuneka atshintshe isimo/ indlela aziphethe ngayo.
- Bamxelela ukuba bamnike ubutyebi yena uzibona ebhetele kunabanye abantu, makaguquke kweso simo.
- Wacela uxolo aze aphinda amnika ithuba lokuphila loo maxhego.

**Imfundiso ayifumene kweli phupa/ubomi bukaFezile emva kwephupha**

- Kukuba makaxabise abantu.
- Angazigwagwisi/angazenzi bhetele kunabanye abantu.
- Ahlalisane kakuhle/kamnandi nabantu belali.
- Ulwazi lokuba izinyanya noThixo zikujongile okwenzekayo ebomini bethu.

**NB:** Umfundi kufuneka ashwankathele konke oku kungentla ngamagama ali-180–200.

**[20]**

**60 amanqaku**

## ICANDELO B IRUBHRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIDE (30)

| **ISIQULATHO** | **Balaseleyo Khowudi 7 100–80%** | **Mfaneleko Khowudi 6 79–70%** | **Enomthamo Khowudi 5 69–60%** | **Anele Khowudi 4 59–50%** | **Phakathi Khowudi 3 49–40%** | **Buthathaka Khowudi 2 39–30%** | **Bubhetyebhetye Khowudi 1 29–0%** |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **AMANQAKU** | **20–17** | **16–14** | **13–12** | **12–10** | **9–8** | **7–6** | **5–0** |
| **UMONGO, UYILO NEFOMATHI (20 AMANQAKU)** | Umxholo, nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi OLUNZULU ngesihloko. | Umxholo, ubonakalsa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Isicwangciso senze saphum' izandla. | Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. | Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa. | Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. | Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenziwama, isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo. | Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu; isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. |
| | **10** | **7** | **6** | **5** | **4** | **3** | **2** |
| **ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (10 AMANQAKU)** | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo kwezivakalisi, imihlathi nezimvo nobude kugqwesile. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyancomeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kukwizinga eliphakathi. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuyanelisa. | Ingqaliseko kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude sizanekile ukuphuhla. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kusenzima. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude. Asiphuhlanga ncam. | Ingqaliseko kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kunzima kakhulu. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude asiphuhlanga kwaphela. |

## IMIHLATHI EMIDE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

| **ISIQULATHO** | **AMANQAKU** | **ISITSHIXO** |
|---|---|---|
| A: Umongo, uyilo nefomathi<br>B: Ulwimi, isimbo nokuhlela | 20<br>10 | Mongo =<br>Lwimi, simbo nohlelo = |
| **AMANQAKU EWONKE** | **30** | |

## IRUBHRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE (10)

| ISIQULATHO | Balaseleyo Khowudi 7 100–80% | Mfaneleko Khowudi 6 79–70% | Enomthamo Khowudi 5 69–60% | Anele Khowudi 4 59–50% | Phakathi Khowudi 3 49–40% | Buthathaka Khowudi 2 39–30% | Bubhetyebhetye Khowudi 1 29–0% |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **AMANQAKU** | **6** | **5–4** | **4–3** | **3–2** | **2–1** | **1** | **1–0** |
| **UMONGO, UYILO NEFOMATHI (6 AMANQAKU)** | Umxholo, nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi OLUNZULU ngesihloko. | Umxholo, ubonakalsa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Isicwangciso senze saphum' izandla. | Umxholo, ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. | Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa. | Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. | Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenziwama, isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo. | Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu; isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. |
| | **4** | **4–3** | **3** | **3–2** | **2** | **1** | **1–0** |
| **ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (4 AMANQAKU)** | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo kwezivakalisi, imihlathi nezimvo nobude kugqwesile. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyancomeka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kukwizinga eliphakathi. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuyanelisa. | Ingqaliseko kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuzamekile. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude sizanekile ukuphuhla. | Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kusenzima. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude. Asiphuhlanga ncam. | Ingqaliseko kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kunzima kakhulu. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude asiphuhlanga kwaphela. |

## IMIHLATHI EMIFUTSHANE IYA KUHLOLWA NGOLU HLOBO:

| ISIQULATHO | AMANQAKU | ISITSHIXO |
|---|---|---|
| A: Umongo, uyilo nefomathi<br>B: Ulwimi, isimbo nokuhlela | 6<br>4 | Mongo =<br>Lwimi, simbo nohlelo = |
| **AMANQAKU EWONKE** | **10** | |

**Amanqaku ewonke: 100**

IEB Copyright © 2016